



# Ubusi


Martha Kekana Mathamela  
Tammi Mbambo





UKopano noLereko babesitya  
amaqebengwana ababewabhakelwe  
ngumama wabo.

Loo maqebengwana ayevuza ubusi.



ULereko wabuza kumama wakhe,  
“Buvela phi ubusi, Mama?”

“Mntanam, ubusi benziwa ziinyosi,”  
watsho umama wakhe.



"Iinyosi zenza ubusi ngeentyatyambo.  
Ziqokelela incindi kwanomungu  
kwiintyatyambo," wachaza watsho  
umama.

"Iinyosi zisasaza umungu kwezinye  
iintyatyambo."



"Loo nto ibizwa ngokuba luvuvuzelo  
-ukunceda izityalo ukuba zivelise  
kwakhona ngokusasaza umungu.  
Umungu wenza inxalenye yembewu."



"Iinyosi zihambisa umungu phakathi kwezityalo. Zivuvuzela izilimo zethu," watsho umama.

"Sikwafumana nemveliso eluncedo ezinyosini."



“Kunjalo! Sifumana ubusi kwinyosi,”  
watsho uKopano.

ULereko wongeza ngelithi, “Ubusi  
bunencasa eswiti bumnandi!”



**“Ubusi buyasetyenziswa nasemayezeni,”**  
watsho umama.

**“Ezinye iipilisi nemigubo ezikumayeza**  
**emveli zenziwe ngobusi.”**



"Ubusi bupholisa imiqala ebuhlungu,  
ukhohlokhohlo kwanengqele.



"Ubusi bukwaphilisa amanxeba  
nezilonda zokutsha."



"Ubusi abubalungelanga abantwana  
abancinci noxa kunjalo.

Bungabagulisa kakhulu," wabalumkisa  
ngelitshoyo umama.



“Benimamele? Kutheni iinyosi  
zibalulekile nje?” wabuza umama.

Zivuvuzela izityalo!” watsho uLereko.

“Zenza nobusi!” watsho uKopano.



Ukususela ngaloo mini uKopano  
noLereko bayazihlonipha iinyosi.



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



NELSON MANDELA  
Institute for  
EDUCATION AND  
RURAL DEVELOPMENT



basic education

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

*The Ulwazi Lwethu readers and storybooks have  
been quality assured and approved by DBE.*

Your attribution should include the following:

**Title:** Ubusi

**Author/s:** Martha Kekana Mathamela

**Translator/s:** Sheila Mandlate

**Illustrator/s:** Tammi Mbambo

**Assurer/s:** Bulelwa Nokole, Angelinah Dazela

**Language:** isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2025 (Updated Edition)

**CC BY** includes the following elements:

**BY** – Credit must be given to the creator

